



Inombolo yefayili: 21/2/5/2  
Isalathiso: 20240116-797

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharithyulam ye-GET: 0001/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharithyulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-GET, kuBacebisi ngeZifundo besiGaba esiPhakamileyo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwezezikolo ezizimeleyo

**Isihloko: Isaziso ngomasifundisane wophuhliso lwezakhono zootitshala abangekabi namava (novice teachers) kumaBakala 7-9 kwisifundo se-Economic Management Sciences (EMS)**

- ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED), ngentsebenziswano neYunivesithi yase-Stellenbosch (SU), limema bonke ootitshala abangekabi namava (novice teachers) kumaBakala 7-9 besifundo i-EMS, kwiiseshoni zoqeqesho kwikhompyutha.
- Injongo yeeseshoni zoqeqesho lootitshala lophuhliso lwezakhono kukomeleza ukufundiswa kwesifundo i-EMS (Financial Literacy) kumaBakala 7-9 ngokunika ulwazi nezakhono kootitshala abangekabi namava.
- Le khosi iya kwenziwa ngabahlohlali beYunivesithi yase-Stellenbosch (SU) kunye noMcwangcisi weKharithyulam oMkhulu (Senior Curriculum Planner), uGqr. Antoinette Venter. Yonke imathiriyeli yekhosi ivunyiwe yiYunivesithi yase-Stellenbosch (SU), liSebe i-WCED kwakunye neBhunga looTitshala laseMzantsi Afrika (South African Council for Educators).
- Uqeqesho oluqhutywa ngekhompyutha luya kuqhubeka ngale mihla ilandelayo:

Umhla	Ixesha
23 Februwari 2024	15:30 – 17:00
01 Matshi 2024	15:30 – 17:00
08 Matshi 2024	15:30 – 17:00
15 Matshi 2024	15:30 – 17:00

5. Iilinki zebakala ngalinye zinokufunyanwa kule theyibhile ingezantsi. Ezi seshoni ziya kuqhutywa ngesiNgesi nangesi-Afrikaansi.

Umhla	IBakala 7		IBakala 8		IBakala 9	
	English	Afrikaans	English	Afrikaans	English	Afrikaans
23 Februwari 2024	<a href="#">Click here to join the meeting</a>	<a href="#">Click here to join the meeting</a>	<a href="#">Click here to join the meeting</a>	<a href="#">Click here to join the meeting</a>	<a href="#">Click here to join the meeting</a>	<a href="#">Click here to join the meeting</a>
01 Matshi 2024						
08 Matshi 2024						
15 Matshi 2024						

6. Bayacelwa ootitshala ukuba **babhalise ngekhompyutha** ngokusebenzisa le linki ilandelayo: <https://forms.gle/Va4HBuHftWb9P5rtZ> **ngomhla okanye phambi kolwesihlanu we-16 Februwari 2024.**
7. Ngayo nayiphi ingcaciso engaphezulu kucelwa niqhagamshelane nomququzeleli wephondo, uGqr. Antoinette Venter, nge-imeyili apha [Antoinette.venter@westerncape.gov.za](mailto:Antoinette.venter@westerncape.gov.za) okanye ngefowuni 021 467 2501.
8. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane ootitshala abangekabi namava besifundo i-EMS bamaBakala 7-9 ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2024-01-22